URhulumente
weNtshona Koloni
EzeMfundo

ICandelo leKharityhulam ye-*FET*

Isalathiso: 20170110-7127
13/2/13/P
Imibuzo: WJ Mercuur

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: 0002/2017

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi beZifundo, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

**Isihloko: Umnyinyiva omalunga nokuphunyezwa kwezifundo zobugcisa *(technical subjects)* kwiBakala 11 ngo-2017 nakwiBakala 12 ngo-2018**

**Imvelaphi**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe i*WCED*) linolwazi lokuba abafundi abaninzi kwizikolo ezifundisa izifundo zobugcisa kwi-*Further Education and Training band* bazikhetha izifundo ukwenzela iBakala 10 ngo-2016, into ethetha ukuba abayithobelanga imimiselo ye-*Circular S6* ka-2016. Le setyhula izicacisa ngokuthe gca iimfuno ezimiselweyo zokukhetha izifundo zecandelo lobugcisa (*technical stream*).

2. Le meko ibangelwe kukuba kubonelelwe emva kwexesha ngeemfuno ezimiselweyo zokuqaliswa kwezifundo zobugcisa *zeTechnical CAPS*. Lo gama iGazethi kaRhulumente 39435, emalunga nezifundo ezivunyiweyo kwicandelo lezifundo zobugcisa *(technical stream)*, yapapashwa ngowe-20 Novemba 2015, i-*Circular S 15* ka-2015, yomhla we-14 Disemba 2015 esihloko sithi "*Promulgation of Amendment to Policy and Regulations Pertaining to the National Curriculum Statement Grades R-12*", yathunyelwa kumaphondo emva kokuba izikolo zivaliwe.

3. Ngethuba lokufika kwe-*Circular S15* ezikolweni eNtshona Koloni, zazisele izikolo zizigqibile izicwangciso zazo zokulungiselela u-2016.

4. ISebe iWCED lawuphakamisa lo mba kwiSebe leMfundo esiSiseko (ISebe *iDBE*), lacela ukuba kwenziwe umnyinyiva (*a concession*) ukulungiselela abafundi beli qela (*cohort of learners*) (likhankanywe kumhlathi 1), wokuba bavunyelwe

baqhubeke nephakheji yabo yezifundo abazikhethileyo de babe kwiBakala 12 yaye bafumane neziphumo zeemviwo zabo.

**Umnyinyiva**

1. ISebe i*WCED* ngokwenjenje linika imvume izikolo zecandelo lezifundo zobugcisa ezingayithobelanga imimiselo ye-*Circular* S6 ka-2016, ziqhubeke nephakheji yezifundo ezizikhethileyo kwiBakala 11 ngo-2017 nakwiBakala 12 ngo-2018.

2. Abafundi ababhalisela izifundo zecandelo lobugcisa (*technical subject stream*) kwiBakala 10 ngo-2017 **mabazithobele** iimfuno ezimiselweyo ezicaciswe kwi-*Circular S6* ka-2016.

**ISAYINWE:** NGU-PAD BEETS
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2017-01-11